# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA IBANGA 2

IsiCwangciso sokuFundisa sikaZwelonke esiHlaziyiweyo 2021

**ISIKHOKHELO SOKUSETYENZISWA KWEKHARITYHULAM EHLENGA -HLENGISIWEYO YEELWIMI KWISIGABA SESISEKO:**

Nceda uqaphele oku kulandelayo:

1. Ikharityhulam ihlenga-hlengisiwe ukuze ijongane neengcinga ezingundoqo nezakhono.
2. Zonke izakhono zisasazekile kwixesha elinikiweyo. Izakhono nolwazi ziphindaphindiwe kwiiveki zonke ukuze kungabikho mfundi uza kushiyeka xa engayi esikolweni yonke imihla.
3. Umxholo usasazekile kwiiveki zonke
4. KumaBanga 2 & 3 iiveki zokuqala ezintathu zibekelwe bucala ukujonga imixholo kumaBanga adlulileyo nokudityaniswa kwemixholo yeBanga lesi 2. Ukuba isikolo asikuboni kuyimfuneko oku, masilandele iNkcazelo yePolisi yeKharityhulam yokuHlola (CAPS) ukusuka kumxholo wekota 1.
5. Kufanele ukuba kubekho umanyano olomeleleyo phakathi kwazo zonke izifundo.
6. Zonke izihloko kuLwimi zihamba zidibane, kwaye imisebenzi yemihla ngemihla ayichazwanga ngaxesha kuba ingenziwa nanini na imini le yonke.
7. Ukufunda kufuneka kulandele le miba ilandelayo: **Ixesha lokuGxila ekuFundeni nokuBhala ngokweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam yokuHlola (CAPS**). Ezi zikhumbuzi zibandakanyiwe njengoko kubonakala ngathi kukho ukuqondwa okwahluke kancinane koko kuthethwa liXesha lokuGxila nokuFunda kwiNkcazelo yePolisi yeKharityhulam yokuHlola (CAPS).

- **Ixesha lokuGxila ukuFunda nokuBhala** lihlanganisiweyo (malunga neyure enye) apho ukuFunda noTitshala nokuBhala ngokwaBelana kuthatha iMizuzu eli-15 yokuqala. Emva koko, nangona ukwanxulunyaniswe nezakhono ezifundwe kwiNkqubo yokuFunda noKwaBelana/yokuBhala noTitshala, umsebenzi okwinqanaba lamagama nezivakalisi wenziwe (umz. Izandi). Oku kuthatha malunga nemizuzu elishumi.
- Emva koko, kukuFunda ngamaQela aKhokhelwa nguTitshala, abafundi bahlelwa ngokwamaqela okukwazi ukufunda. Ngexesha lokugxila ekufundeni nasekubhaleni, kubekwa isiseko solawulo lwezakhono ezifunekayo kufundo nomlingane, ukufunda ngokuzimeleyo nokubhala ngokuzimeleyo okuwela NGAPHANDLE kwexesha ekugxilwe kulo lokuFunda nokuBhala
- Izakhono nolwazi olusuka kwiindawo ezahlukeneyo ziyakuxhasa oku kwaye azizimelenga zodwa

8. Nanini na xa kusenziwa umsebenzi wamaqela, ukuqelelana makubekwe iliso.
9. Ootitshala mabahlale benxibelelana nootitshala bamabanga adlulileyo (ukuba kunokwenzeka) ukuze kungabikho zikhewu zenziwayo kutshintsho phakathi kwamabanga

## IZIKHOKHELO ZOHLOLO: UKUHLOLA OKUSESISEKWENI

- Kufuneka lwenziwe kwiveki yesi-2 neye-3 yokubuyela esikolweni. Vumela abafundi ukuba bazinze kwiiklasi zabo ezintsha phambi kokuqala kohlolo.
- Ukuhlola okusisiseko akufuneki ukuba kube yinto eme yodwa koko makunxulunyaniswe nenkqubo yokufunda nokufundisa.
- Kufuneka kwenziwe ngokungacwangciswanga kwaye ubukhulu becala nge-orali.
- Imisebenzi yovavanyo iya kugxila kumxholo wamabanga adlulileyo.
- Injongo yemisebenzi iya kuba kukumisela inqanaba labafundi ukukhokela inkqubo yokufunda nokufundisa kwindlela eya phambili.

- Utitshala angadibanisa uhlolo lwezakhono apho kunokwenzeka.
- Zonke izakhono zibandakanyiwe nokuba zifundisiwe na ngowama-2020. Ootitshala bangasebenzisa ubulumko babo ukuba abafuni kuhlola zonke izakhono

## UHLOLO OLUSEKELWE ESIKOLWENI

- Uhlolo luqhubeka njalo kwiSigaba seSiseko.
- Uhlolo lunokwenzeka kuphela kumxholo ofundisiweyo.
- ICandelo lesi-4 elifinyeziweyo (The Abridged Secton 4) kufuneka lisetyenziselwe lonke uhlolo**.**

## Isicwangciso sokuFundisa soNyaka wama-2021-Ikota yoku-1: ISIHLOKO: IsiXhosa HL iBanga 2

| **INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola - Isihloko** | **UKUMAMELA NOKUTHETHA**<br>**Ixesha elincinci: 45 imizuzu ngeveki (3 x 15 imizuzu)**<br>**Ixesha elininzi: 1 iyure ngeveki (4 x 15 imizuzu)** | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Ikota 1 (iintsuku 45)** | **Iveki 1 (iintsuku 3)** | **Iveki 2** | **Iveki 3** | **Iveki 4 & Iveki 5** | **Iveki 6 & Iveki 7** | **Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)** | **Iveki 10 (iintsuku 3)** |
| **Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe** | • Hlela ulwazi, umzekelo, ngokusebenzisa imifanekiso ezihambelayo<br>• Phendula imibuzo evulekileyo nevalekileyo<br>• Thetha ngamava akho njengokubalis a iindaba | • Phendula imibuzo evulekileyo nevalekileyo<br>• Thetha ngamava akho njengokubalis a iindaba<br>• Mamela imiyalelo ze uphendule ngokufanelek ileyo<br>• ***Uhlolo Olusisiseko*** | • Thetha ngamava akho njengokubalisa iindaba<br>• Mamela amabali uchaze iimvakalelo zakho malunga nebali<br>• Tshintshanani ngokuthetha<br>• Phinda ukulandelelana kweziganeko ebalini ngokuchanekileyo<br>• ***Uvavanyo Olusisiseko*** | • Mamela ngaphandle kokuphazamisa, ubonisa imbeko kwisithethi<br>• Thetha ngamava akho, umzekelo, ubalisa iindaba<br>• Cebisa ngezisombululo kwingxaki ingakumbi ngexesha leZibalo<br>• Mamela ibali ulonwabele, ze phendule imibuzo enxulumene nebali<br>• Mamela imiyalelo equlethe ubuncinci amacala amabini ze uphendule ngokufanelekileyo | • Mamela ngaphandle kokuphazamisa, ubonisa imbeko kwisithethi<br>• Thetha ngamava akho, umzekelo, ubalisa iindaba<br>• Cebisa ngezisombululo kwingxaki ingakumbi ngexesha leZibalo<br>• Mamela ibali ulonwabele, ze uphendule imibuzo enxulumene nebali<br>• Mamela imiyalelo equlethe ubuncinane amacala amabini ze uphendule ngokufanelekileyo<br>• Thatha inxaxheba kwiingxoxo, ebuza kwaye iphendula imibuzo necebisa ngezimvo. | • Mamela ngaphandle kokuphazamisa, ubonisa imbeko kwisithethi<br>• Thetha ngamava akho, umzekelo, ubalisa iindaba<br>• Cebisa ngezisombululo kwingxaki ingakumbi ngexesha leZibalo<br>• Mamela ibali ulonwabele, ze uphendule imibuzo enxulumene nebali<br>• Mamela imiyalelo equlethe ubuncinane amacala amabini ze uphendule ngokufanelekileyo<br>• Sebenzisa amagama achanekileyo kwimeko, umzekelo isimemo<br>• Balisa ibali elinesiqalo, isiqu nesiphelo | • Cebisa ngezisombululo kwingxaki ingakumbi ngexesha leZibalo<br>• Mamela ibali ulonwabele, ze phendule imibuzo enxulumene nebali<br>• Thatha inxaxheba kwiingxoxo, ebuza kwaye iphendula imibuzo necebisa ngezimvo. |

| Isihloko | **IZANDI**<br>***(Ixesha elincinci: 1 iyure ngeveki (4 x 15 imizuzu)***<br>***Ixesha elininzi: 1 iyure nemizuzu15 ngeveki (5 x 15 imizuzu)*** | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Ikota 1**<br>**Iintsuku 45** | **Iveki 1**<br>**(iintsuku 3)** | **Iveki 2** | **Iveki 3** | **Iveki 4 & Iveki 5** | **Iveki 6 & Iveki 7** | **Iveki 8 & Iveki 9**<br>**(iintsuku 4)** | **Iveki 10**<br>**(iintsuku 3)** |
| **Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe** | • Dibanisa amagama aqhelekileyo ngokufana kwezandi abe ngamaqela<br>• Nakana unxibelelwano lwezandi zoonobumba kubo bonke oonobumba abazimeleyo<br>• Nakana amagama anezandi ezifanayo esiphelweni umzekelo amasi, usisi, ipasi | • Nakana unxibelelwano lwezandi zoonobumba kubo bonke oonobumba abazimeleyo<br>• Yakha amagama usebenzisa izandi ezaziwayo<br>• Funda amagama ezandi kwizivakalisi nakwezinye iitekisi<br>• Hlaziya (okanye ufundise) oonombini abaqhelekileyo: bh<br>• ***Uhlolo olusisiseko*** | • Nakana unxibelelwano lwezandi zoonobumba kubo bonke oonobumba abazimeleyo<br>• Yakha amagama usebenzisa izandi ezaziwayo<br>• Funda amagama ezandi kwizivakalisi nakwezinye iitekisi<br>• Hlaziya (okanye ufundise) oonombini abaqhelekileyo: bh, ph<br>• Funda ukupela amagama ali-10 ngeveki athathwe kwizifundo zezandi<br>• ***Uhlolo olusisiseko*** | • Hlaziya amagama anezandi ezifutshane: la, sa<br>• Hlaziya amaqabane angoonombini abaqhelekileyo: bh, ph, kh<br>• Qaphela u “bh” ekuqaleni kwegama elifana ne-bh-ola, bh-ekela, njl.njl<br>• Hlaziya oonobumba abaqhelekileyo (d, b, c) kumagama afana no- isidudu, bali, ucango<br>• Funda ukupela amagama ali-10 ngeveki athathwe kwizifundo zezandi | • Hlaziya oonombini abaqhelekileyo (bh, hl, th.) kumagama afana no- bhalaa, hlala, thetha<br>• Nakana amagama anezikhamiso eziphindiweyo umzekelo ootata, oosisi, iipali<br>• Funda ukupela amagama ali-10 ngeveki athathwe kwizifundo zezandi | • Chonga unxibelelwano loonobumba bonke ujonge abazimeleyo<br>• Hlaziya amaqabane angoonombini abaqhelekileyo: nk, ng, nz<br>• Qaphela u “bh” ekuqaleni kwegama elifana ne-bh-ola, bh-ekela, njl. njl<br>• Yakha amagama anoonobumba aba-3 naba - 4 usebenzisa oonobumba abazimeleyo noonombini abafundiswe kule kota<br>• Funda ukupela amagama ali-10 ngeveki athathwe kwizifundo zezandi | • Sebenzisa ukudibana amaqabane okuqala nawokugqibela ukwakha amagama<br>• Yakha amagama anoonobumba aba3 naba - 4 usebenzisa oonobumba abazimeleyo noonombini abafundiswe kule kota |

<table>
<tr><td colspan="2">INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola - Isihloko</td><td colspan="7">UKUFUNDA<br>Kubalulekile ukufunda iNqaku 7 kwizikhokelo ezikwiphepha lokuqala.</td></tr>
<tr><th colspan="2">Ikota 1<br>Iintsuku 45</th><th>Iveki 1<br>(iintsuku 3)</th><th>Iveki 2</th><th>Iveki 3</th><th>Iveki 4 & Iveki 5</th><th>Iveki 6 & Iveki 7</th><th>Iveki 8 & Iveki 9<br>(iintsuku 4)</th><th>Iveki 10<br>(iintsuku 3)</th></tr>
<tr><td>Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe</td><td>Ukufunda</td><td>• Sebenzisa isihloko sencwadi ukuqikelela ukuba ingantoni le ncwadi<br>• Sebenzisa imikhondo kunye nemifanekiso kwincwadi ukuqonda ibali<br>• Phendula imibuzo evulekileyo esekwe kwinqaku elifundiweyo</td><td>• Sebenzisa imikhondo kunye nemifanekiso esencwadini ukuqonda ibali<br>• Phendula imibuzo evulelekileyo esekwe kwinqaku elifundiweyo<br>• Chonga ulandelelwano lweziganeko kwinto efundiweyo<br>• Tolika ulwazi olubona kwiipowusta<br>• Uhlolo olusisiseko</td><td>• Sebenzisa imikhondo kunye nemifanekiso esencwadini ukuqonda ibali<br>• Nakana unobangela nesiphumo ebalini<br>• Funda imiyalelo elula kwigumbi lokufundela<br>• Nika impendulo ngokwamava akho kwitekisi efundiweyo.<br>• Uhlolo olusisiseko</td><td colspan="4">Sebenzisa isibonelo seminwe emihlanu apho umnwe ngamnye umela isicwangciso esinokusetyenziswa ngumfundi ukucwangcisa indlela yokufunda igama elingaziwayo kunye nentsingiselo yalo.<br>Olu lwazi lulandelayo luthathwe kwincwadi-The Teacher’s Handbook: Teaching Reading in the Early Grades (January 2008), Department of Education<br>1. Ubhontsi: Shiya igama ngaphandle uze ulifunde kude kube sekupheleni kwesivakalisi<br>2. Umnwe wokuqala: Jonga imifanekiso kunye nesihloko<br>3. Umnwe wesibini: Zibuze ukuba zikhona na iindawo zegama oziqondayo<br>4. Umnwe womsesane: Biza igama<br>5. Ucikicane: Buza utitshala wakho ukuba lithetha ntoni eli gama</td></tr>
</table>

<table>
<tr><td colspan="2">INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola - Isihloko</td><td colspan="7">UKUFUNDA<br>Ukwabelana ngokufunda: Ixesha elincinci: 1 iyure ngeveki (3 x 20 imizuzu)<br>Ixesha elide: 1 iyure 15 imizuzu ngeveki (5x 15 imizuzu)</td></tr>
<tr><td colspan="2">Ikota 1<br>Iintsuku 45</td><td>Iveki 1<br>(iintsuku 3)</td><td>Iveki 2</td><td>Iveki 3</td><td>Iveki 4 & Iveki 5</td><td>Iveki 6 & Iveki 7</td><td>Iveki 8 & Iveki 9<br>(iintsuku 4)</td><td>Iveki 10<br>(iintsuku 3)</td></tr>
<tr><td>Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe</td><td>UkuFunda noTitshala</td><td>• Utitshala ufunda neklasi yonke iincwadi ezinkulu okanye itekisi eyenziwe nkulu<br>• Sebenzisa isihloko sencwadi ukuqikelela ukuba ingantoni incwadi<br>• Phendula imibuzo evulekileyo ngokujonga inqaku elifundwayo</td><td>• Utitshala ufunda neklasi yonke iincwadi ezinkulu okanye itekisi eyenziwe nkulu<br>• Sebenzisa imikhondo kunye nemifanekiso encwadini ukuze uqonde<br>• Phendula imibuzo evulekileyo ngokujonga inqaku elifundwayo<br>• Chonga ulandelelwano lweziganeko kwibali elifundiweyo<br>• Uhlolo olusisiseko</td><td>• Utitshala ufunda neklasi yonke iincwadi ezinkulu okanye itekisi eyenziwe nkulu<br>• Nakana unobangela nesiphumo ebalini<br>• Chaza izimvo eziphambili<br>• Phendula imibuzo evulekileyo ngokujonga inqaku elifundiweyo<br>• Uhlolo olusisiseko</td><td>• Utitshala ufunda neklasi yonke iincwadi ezinkulu okanye itekisi eyenziwe nkulu<br>• Sebenzisa imikhondo ebonakalayo ukuqikelela ukuba lingantoni na ibali: iqweqwe lencwadi, imifanekiso encwadini<br>• Chonga iinkcukacha eziphambili kokufundiweyo njengokulandelelana kweziganeko<br>• Yabelana ngoluvo lwakho kwisicatshulwa esifundiweyo.<br>Qwalasela koku:<br>- iikhonsepthi zoshicilelo<br>- amanqaku abhaliweyo<br>-ukuqonda kumanqanaba ohlukeneyo</td><td>• Utitshala ufunda neklasi yonke iincwadi ezinkulu okanye itekisi eyenziwe nkulu<br>• Sebenzisa imikhondo ebonakalayo ukuqikelela ukuba lingantoni na ibali: iqweqwe lencwadi, imizekeliso encwadini<br>• Chonga iinkcukacha eziphambili kwinto efundwayo njengokulandelelana kweziganeko<br>• Yabelana ngoluvo lwakho kwitekisi efundiweyo.<br>• Qwalasela oku:<br>- amanqaku abhaliweyo<br>- izandi<br>-iindlela zokuchonga amagama<br>-ukuqonda kumanqanaba ohlukeneyo</td><td>• Utitshala ufunda neklasi yonke iincwadi ezinkulu okanye itekisi eyenziwe nkulu<br>• Sebenzisa imikhondo ebonwayo ukuqikelela ukuba lingantoni na ibali: iqweqwe lencwadi, imizekeliso encwadini<br>• Chonga iinkcukacha eziphambili kwinto efundiweyo njengokulandelelana kweziganeko<br>• Yabelana ngoluvo lwakho kwisicatshulwa esifundiweyo.<br>Qwalasela koku:<br>- iipatheni zolwimi<br>-iindlela zokuchonga amagama<br>-ukuqonda kumanqanaba ohlukeneyo</td><td>• Utitshala ufunda neklasi yonke iincwadi ezinkulu okanye isicatshulwa esandisiweyo<br>• Sebenzisa imikhondo ebonwayo ukuqikelela ukuba lingantoni na ibali: iqweqwe lencwadi, imizekeliso encwadini<br>• Qwalasela oku:<br>- izandi<br>-ukuqonda kumanqanaba ohlukeneyo</td></tr>
</table>

| INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola Isihloko | | **UKUFUNDA**<br>**UkuFunda ngamaQela ancediswa nguTitshala: 2 iiyure ne-30 yemizuzu ngeveki (2 x 15 imizuzu ngosuku (amaqela amabini mihla le)**<br>**Ukuzimela / Ukufunda nomlingani: 3x ngeveki** | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Ikota 1**<br>**Iintsuku 45** | | **Iveki 1**<br>**(iintsuku 3)** | **Iveki 2** | **Iveki 3** | **Iveki 4 & Iveki 5** | **Iveki 6 & Iveki 7** | **Iveki 8 & Iveki 9**<br>**(iintsuku 4)** | **Iveki 10**<br>**(iintsuku 3)** |
| **Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe** | **UkuFunda namaQela ancediswa nguTitshala** | • Wakha isigama esibonwayo ngamagama abonwa njalo | • Ufunda ngokuvakalayo encwadini yakho kwiqela lokufunda elincediswa nguTitshala<br>• Oko kukuthi, onke amaqela afunda ibali elinye<br>• Sesebenzisa izandi, imikhondo, ucazululo lolwakhiwo namagama abonwa njalo xa ufunda<br>• Uyazihlola xa ufunda<br>• Wakha isigama samagama abonwa njalo<br>• ***Uhlolo olusisiseko*** | • Ufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo kwinqanaba lakho kwiqela lokuFunda elincediswa nguTitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye.<br>• Sesebenzisa izandi, imikhondo, ucazululo lolwakhiwo namagama abonwa njalo xa ufunda<br>• Sebenzisa imifanekiso ekwitekisi esenzela ukuqonda<br>• Wakha isigama esibonwayo<br>• ***Uhlolo olusisiseko*** | • Ufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo kumgangatho wakho kwiqela lokuFunda elincediswa nguTitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye ngokusekwe kumgangatho wokufunda weqela.<br>• Sebenzisa imifanekiso kwisicatshulwa usenzela ukuqonda<br>• Sebenzisa amagama abonwa njalo, izandi, iimeko, nohlalutyo lwezakhono, ukuhlahlela xa ufunda<br>• Bonisa ukuqonda iziphumlisi (izingxi, iikoma, iimpawu zombuzo kunye neempawu zesikhuzo) xa kufundwa ngokuvakalayo<br>• Qhubeka nokwakha isigama esibonwa njalo esivela kwinkqubo yokufunda ehleliweyo ngokwamanqanaba, iitekisi ezilandelelanayo kunye noluhlu lwamagama asetyenziswa njalo | • Ufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo kumgangatho wakho kwiqela lokuFunda elincediswa nguTitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye ngokusekwe kumgangatho wokufunda weqela.<br>• Sebenzisa imifanekiso kwisicatshulwa usenzela ukuqonda<br>• Sebenzisa amagama abonwa njalo, izandi, iimeko, nohlalutyo lwezakhono, ukuhlahlela xa ufunda<br>• Bonisa ukuqonda iziphumlisi (izingxi, iikoma, iimpawu zombuzo kunye neempawu zesikhuzo) xa kufundwa ngokuvakalayo<br>• Qhubeka nokwakha isigama esibonwa njalo esivela kwinkqubo yokufunda ehleliweyo ngokwamanqanaba, iitekisi ezilandelelanayo kunye noluhlu lwamagama asetyenziswa njalo | • Ufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo kumgangatho wakho kwiqela lokuFunda elincediswa nguTitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye ngokusekwe kumgangatho wokufunda weqela.<br>• Sebenzisa imifanekiso kwisicatshulwa usenzela ukuqonda<br>• Sebenzisa amagama abonwa njalo, izandi, iimeko, nohlalutyo lwezakhono, ukuhlahlela xa ufunda<br>• Bonisa ukuqonda kweziphumlisi (izingxi, iikoma, iimpawu zombuzo kunye neempawu zesikhuzo) xa kufundwa ngokuvakalayo<br>• Qhubeka nokwakha isigama esibonwa njalo esivela kwinkqubo yokufunda ehleliweyo ngokwamanqanaba, iitekisi ezilandelelanayo kunye noluhlu lwamagama asetyenziswa njalo | • Ufunda ngokuthe cwaka nangokuvakalayo kumgangatho wakho kwiqela lokuFunda elincediswa nguTitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye ngokusekwe kumgangatho wokufunda weqela<br>• Bonisa ukuqonda iziphumlisi (izingxi, iikoma, iimpawu zombuzo kunye neempawu zesikhuzo) xa kufundwa ngokuvakalayo |
| | **UkuFunda ngokuZimela** | **Khetha izicatshulwa/ itekisi ezaziwayo okanye ezikwinqanaba lokufunda elizimeleyo lomntwana (zibe lula kunezo zisetyenziswe kufundo ekwabelwana ngazo ngaphezu kwama-95% okuqonda amagama ngokuchanekileyo xa ufunda isicatshulwa**)<br>• Funda ngokuzimeleyo: iincwadi zemifanekiso, amakhadi esihobe, iincwadi zamabali ezivela kwithala leencwadi okanye kwikona yokufunda kwigumbi lokufundela | | | | | | |

| INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHola - Isihloko | **UKUBHALA (Ngokwabelana, ngokweQela, naNgokuZimeleyo)**<br>**Ixesha elincinci: 1 iyure ngeveki (4 x 15 imizuzu)**<br>**Ixesha elininzi: 1 iyure ngeveki (3 x 20 imizuzu)** | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Ikota 1**<br>**Iintsuku 45** | **Iveki 1**<br>**(iintsuku 3)** | **Iveki 2** | **Iveki 3** | **Iveki 4 & Iveki 5** | **Iveki 6 & Iveki 7** | **Iveki 8 & Iveki 9**<br>**(iintsuku 4)** | **Iveki 10**<br>**(iintsuku 3)** |
| **Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe** | • Zoba imifanekiso ukuchaza umyalezo ongamava akho<br>• Bhala iindaba zakho | • Zoba imifanekiso ukuchaza umyalezo ongamava akho<br>• Bhala iindaba zakho<br>• Yabelana ngezimvo namagama ebalini leklasi (Ukubhala ekwabelwana ngako)<br>• ***Uhlolo olusisiseko*** | • Zoba imifanekiso ukuchaza umyalezo ongamava akho<br>• Bhala ibali usebenzisa izandi ezifundiweyo kunye namagama abonwa njalo aqhelekileyo<br>• Zakhele ibhanki yamagama nesichazi-magama sakho usebenzisa unobumba wokuqala wamagama ukuphuhlisa izakhono zesichazi-magama<br>• ***Uvavanyo olusisiseko*** | • • Nika izimvo namagama kwibalini elibhalwa neklasi (Ukubhala ekwabelana ngako)<br>• Bhala ubuncinci izivakalisi ezi-3 zeendaba ezizezakho usebenzisa, izandi ezifundiweyo kunye namagama aqhelekileyo abonwa njalo<br>• Bhala uluhlu usebenzisa isiphumlisi ukwahlula izinto ezinjengemisebenzi yosuku<br>• Zakhele ibhanki yamagama nesichazi-magama sakho usebenzisa unobumba wokuqala wamagama ukuphuhlisa izakhono zesichazi-magama | • Nika izimvo namagama ebalini elibhalwa neklasi (Ukubhala ngokwabelana)<br>• Bhala ubuncinci izivakalisi ezi-3 zeendaba ezizezakho okanye ibali usebenzisa oonobumba abakhulu nezingxi<br>• Bhala izivakalisi ezi-2 ukuya kwezi-4 wenze nomzobo ngesihloko ufake isandla kwincwadi yokufunda ekoneni kwigumbi lokufundela<br>• Zakhele ibhanki yamagama nesichazi-magama sakho usebenzisa unobumba wokuqala wamagama ukuphuhlisa izakhono zesichazi-magama | • Nika izimvo namagama ebalini elibhalwa neklasi (Ukubhala ngokwabelana)<br>• Bhala ubuncinci izivakalisi ezi-3 zeendaba ezizezakho usebenzisa, izandi ezifundiweyo kunye namagama aqhelekileyo abonwa njalo<br>• Zoba imifanekiso ukuchaza umyalezo ongamava akho<br>• Zakhele ibhanki yamagama nesichazi-magama sakho usebenzisa unobumba wokuqala wamagama ukuphuhlisa izakhono zesichazi-magama | • Nika izimvonamagama ebalini elibhalwa neklasi (Ukubhala ngokwabelana)<br>• Bhala ubuncinci izivakalisi ezi-3 zeendaba ezizezakho usebenzisa, izandi ezifundiweyo kunye namagama aqhelekileyo abonwa njalo, oonobumba abakhulu nezingxi |

| INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola - Isihloko | **UKUBHALA NGESANDLA**<br>**Ixesha elincinci: 45 imizuzu ngeveki (3 x 15 imizuzu)**<br>**Ixesha elininzi: 1 iyure ngeveki (4 x 15 imizuzu)** | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Ikota 1**<br>**Iintsuku 45** | **Iveki 1**<br>**(iintsuku 3)** | **Iveki 2** | **Iveki 3** | **Iveki 4 & Iveki 5** | **Iveki 6 & Iveki 7** | **Iveki 8 & Iveki 9**<br>**(iintsuku 4)** | **Iveki 10**<br>**(iintsuku 3)** |
| **Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe** | • Bamba ipensile nezixhobo zokubhala (incwadi / iphepha) ngokuchanekileyo<br>• Yakha oonobumba abancinci ngokuchanekileyo: ubhala kwicala elilungileyo, unika nemigca evumelekileyo phakathi kwamagama.<br>• Bhala amagama anezikhewu ezichanekileyo phakathi koonobumba namagama | • Bamba ipensile nezixhobo zokubhala (incwadi / iphepha) ngokuchanekileyo<br>• Yakha oonobumba abancinci ngokuchanekileyo: ubhala kwicala elifanelekileyo, unika nemigca evumelekileyo phakathi kwamagama.<br>• Bhala amagama anezikhewu ezichanekileyo phakathi koonobumba namagama<br>• ***Uhlolo Olusisiseko*** | • Bamba ipensile nezixhobo zokubhala (incwadi / iphepha) ngokuchanekileyo<br>• Yakha oonobumba abancinci ngokuchanekileyo: ubhala kwicala elifanelekileyo, unika nemigca evumelekileyo phakathi kwamagama.<br>• Bhala amagama anezikhewu ezichanekileyo phakathi koonobumba namagama<br>***Uhlolo***<br>• ***Olusisiseko*** | • Bamba ipensile nezixhobo zokubhala (incwadi / iphepha) ngokuchanekileyo<br>• Yakha oonobumba abancinci ngokuchanekileyo: ubhala kwicala elilungileyo, unika nemigca evumelekileyo phakathi kwamagama<br>• Bhala amagama ushiye isithuba esifanelekileyo Phakathi koonobumba namagama<br>• Khuphela ze abhale izivakalisi ezibini nangaphezulu ngokucacileyo nangokuchanekileyo | • Bamba ipensile nezixhobo zokubhala (incwadi / iphepha) ngokuchanekileyo<br>• Yakha oonobumba abancinci ngokuchanekileyo: ubhala kwicala elilungileyo, unika nemigca evumelekileyo phakathi kwamagama.<br>• Bhala amagama anezikhewu ezichanekileyo phakathi koonobumba namagama<br>• Khuphela ze abhale izivakalisi ezibini nangaphezulu ngokucacileyo nangokuchanekileyo<br>• Bhala usebenzisa iimpawu zokubhala (izingxi, iimpawu zombuzo, impawu zokukhuza, iziphumlisi) | • Bamba ipensile nezixhobo zokubhala (incwadi / iphepha) ngokuchanekileyo<br>• Yakha oonobumba abancinci ngokuchanekileyo: ubhala kwicala elilungileyo, unika nemigca evumelekileyo phakathi kwamagama.<br>• Bhala amagama anezikhewu ezichanekileyo phakathi koonobumba namagama<br>• Khuphela ze abhale izivakalisi ezibini nangaphezulu ngokucacileyo nangokuchanekileyo<br>• Bhala usebenzisa iimpawu zokubhala (izingxi, iimpawu zombuzo, iimpawu zokukhuza, iziphumlisi) | • Yakha oonobumba abancinci ngokuchanekileyo: ubhala kwicala elifanelekileyo, unika nemigca evumelekileyo phakathi kwamagama<br>• Khuphela ze abhale izivakalisi ezibini nangaphezulu ngokucacileyo nangokuchanekileyo |

| | | |
|---|---|---|
| **Ulwazi olufunwa ngaphambili** | **IBanga R Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe** | |
| **Izixhobo** (ngaphandle kweencwadi zokufunda) **ukuphucula ukufunda** | • Iitekisi ezilandelelanayo<br>• Oonotsheluza<br>• Iincwadi zomsebenzi ze-DBE<br>• Iincwadi Ezinkulu<br>• Imifanekiso<br>• Iipowusta | |
| **Uhlolo lokuFunda** | **UHLOLO LOKUVAVANYA UKULUNGELA UKUFUNDA** | • Imisebenzi mayijongwe kwaye ihlolwe ngethuba lemihla ngemihla kwizifundo zoLwimi.<br>• Isakhono ngasinye asenzelwanga ukuba sibe ngumsebenzi wohlolo kodwa kufuneka siqinisekise ukuba abafundi banikwa amathuba okubonisa ezi zakhono ngomlomo nangokwenza. |
| **UHLOLO OLUSEKELWE ESIKOLWENI** | **IKOTA 1 UHLOLO** | • Imisebenzi mayijongwe kwaye ihlolwe ngethuba lemihla ngemihla yezifundo kwiiLwimi.<br>• Isakhono ngasinye asenzelwanga ukuba sibe ngumsebenzi wohlolo kodwa kufuneka siqinisekise ukuba abafundi banikwa amathuba okubonisa ezi zakhono ngomlomo, ngokuziqhelanisa nokubhala.<br>• Uhlolo lunokwenzeka kuphela ukuba iikhonsepthi zifundisiwe kwaye abafundi banikwe ixesha elaneleyo lokuziqhelanisa.<br>• Uhlolo lwemisebenzi ye-Orali kufuneka ludityaniswe neZakhono zoBomi neMathematika xa kunokwenzeka.<br>• Uhlolo yinkqubo eqhubekayo ecwangcisiweyo yokuqokelela, ukurekhoda, ukutolika, ukusebenzisa nokunika ingxelo ngolwazi malunga nenkqubela phambili yomntwana kunye nokuphumelela kwakhe ekuphuhliseni ulwazi, izakhono kunye neendlela zokucinga.<br>• Kubalulekile ukuba uqaphele ukuba umsebenzi wohlolo ngamnye akufuneki ukuba ubonwe njengesiganeko esinye okanye uvavanyo, kodwa kufuneka uthobele imigaqo yohlolo oluqhubekayo maxa onke.<br>**UKUMAMELA NOKUTHETHA**<br>• Ubalisa ibali elinesiqalo, isiqu nesiphelo<br>**IZANDI**<br>•**I-Orali nokubhaliweyo:** Yakha amagama ngezikhamiso ezifutshane **(umz.) (Ngexesha lokugxila ekufundeni**<br>• **I-Orali:** UkuFunda namaQela akhokhelwa nguTitshala (GGR) Sebenzisa amagama abonwa njalo, izakhono zokubiza amagama (imikhondo yemixholo, ukufunda ngokutyibilikayo) ukufunda izicatshulwa ngokuzimeleyo (Ngexesha lokugxila ekufundeni)<br>**Izakhono zokuqonda** (ixesha lokugxila ekufundeni)<br>- Imibuzo<br>- Uqikelelo<br>-Ukuhlengahlengisa izinto: hlela imicimbi ngokulandelelana<br>-Iintsingiselo: Yintoni, ngoba, Njani<br>**UkuBhala:**<br>• Nika izimvo namagama ebalini leklasi (Ukubhala ngokwabelana**) (Ixesha lokugxila ekufundeni)**<br>Bhala izivakalisi ezi-3 zeendaba zakho usebenzisa izandi ezifundiweyo, amagama aqhelekileyo, oonobumba abakhulu nezingxi.<br>**UkuBhala ngesandla:**<br>• Khuphela ubhale izivakalisi ezifutshane uthathele ingqalelo ukwakheka koonobumba ngokuchanekileyo |